# ISAZISO SOVAKALISO-ZIMVO ZOLUNTU ESIDLANGALALENI

**Ngokwenjenje kukhutshwa isaziso, ngokwecandelo lama-21 (4) (b) loMthetho weSizwe woMlawuli weNyukliya, uMthetho onguNomb. 47 ka-1999 (UmThetho) wokubamba iindibano zovakaliso-zimvo ezinxulumene nesicelo seLayisensi yokuFakelwa kweNyukliya (i-NISL) esifunyenwe ku-Eskom Holdings SOC Limited yesiza saseThyspunt esiseMpuma Koloni.**

**Imvelaphi**

Isicelo se-NISL esifunyenwe nguMlawuli weSizwe weNyukliya (i-NNR) silinganiselwe kuvavanyo lokufaneleka kwesiza saseThyspunt kufakelo olutsha lwenyukliya ngokungqinelana noMmiselo wokuLayiseniswa kweziza zaMandla aMatsha eNyukliya aKhutshwe ngokoMthetho. Umfaki-sicelo akafaki sicelo sephepha-mvume lofakelo lwenyukliya ekwakheni nasekusebenziseni ufakelo lwenyukliya.

Ngenxa yokwanda kwenkxalabo ejikeleze ubhubhane we-COVID-19 kunye nokuhambelana nemigaqo kaRhulumente kaZwelonke malunga nale meko itshintshayo, i-NNR iya kubamba iindibano zovakaliso-zimvo zoluntu oluxubileyo (ubukho ngeziqu nangobuxhakaxhaka bale mihla) ukwenza ukuba abantu bathathe inxaxheba. Iindibano zoluntu ziya kubanjwa iintsuku ezimbini kwiindawo ezahlukeneyo.

**Iinkcukacha zovakaliso-zimvo zoluntu**

**Umhla**: 25 kweyeThupha (Agasti) 2021
**Indawo**: ICape St Francis Resort Centre, eSt Francis Bay.
**Ixesha**: 13:00 - 17:00

**Umhla**: 26 kweyeThupha (Agasti) 2021
**Indawo**: Kwindawo yase Mentors Conference, eJeffreys Bay
**Ixesha**: 13:00 - 17:00

**Qaphela**: Unxibelelwano lokuthatha inxaxheba ngobuxhakaxhaka bale mihla luya kuthunyelwa kumaqela abhalisiweyo kufutshane nomhla wokumanyelwa kwezimvo zoluntu. Kuya kubakho usasazo ngqo lweezimvo zoluntu esidlangalaleni. Ikhonkco lokujonga usasazo ngqo luya kufumaneka kwi-webhusayithi yeNNR kusuku olungaphambi kokumanyelwa kwezimvo.

**Ukufumaneka kolwazi loluntu kwi-NISL yaseThyspunt**

Umfaki-sicelo uEskom (Pty) SOC ulungiselele uxwebhu lolwazi loluntu (PID) ukwenza ukuba uluntu lukwazi ukuthatha inxaxheba kwindibano yoluntu.

1. I-PID inokukhutshelwa isuka kwi -
   a. Webhusayithi yeNNR —–
      - IsiNgesi: https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/English-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf
      - IsiBhulu: https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/Afrikaans-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf
      - isiXhosa: https://nnr.co.za/wp-content/uploads/2021/06/isiXhosa-Nuclear-Installation-Site-Licence-Public-Information-Document.pdf

   b. I-webhusayithi kaEskom –

      https://www.eskom.co.za/Whatweredoing/ElectricityGeneration/NuclearSiteLicense/

2. Iikopi ezingamaphepha zePID zinokuqokelelwa kumaThala eeNcwadi zoLuntu eKouga

**Ngubani onokumelwa kumanyelo lwezimvo zoluntu?**

Nawuphi na umntu onokuchaphazeleka ngokuthe ngqo ngokunikwa kwe-NISL angenza izimvo malunga nempilo, ukhuseleko kunye nokusingqongileyo

**Ungayithatha njani inxaxheba kumanyelo zimvo zikawonke-wonke?**

Abantu abanqwenela ukuvakalisa izimvo zabo kwi-NNR banako -

1. Ngenisa izimvo ezibhaliweyo kwi NNR.
   a. Ukungeniswa kwezimvo ezibhaliweyo makufike kwi-NNR ungadlulanga owe 31 kweyeKhala (Julayi) 2021.
   b. Zonke izimvo ezibhaliweyo mazibhekiswe-
      UMnu Gino Moonsamy
      UManejala wezoNxibelelwano kunye noBudlelwane babachaphazelekayo
      UMlawuli weSizwe weNyukliya
      P.O. Ibhokisi 7106
      Centurion
      0046.
   c. Iikopi zezinikezelo ezibhaliweyo nazo zingasiwa ngesandla kwii-ofisi zoMlawuli weSizwe weNyukliya -
      Bhlokhi G, Eco Glades Office Park 2, 420 Witch Hazel Avenue,
      Highveld Ext 75, Eco Park, Centurion, 0157.
   d. Izimvo ezibhaliweyo nazo zingathunyelwa nge-imeyile ku-
      NISLPublichearings@nnr.co.za kwaye ziphawulwe ukuba ziqwalaselwe:
      UManejala wezoNxibelelwano noBudlelwane babaChaphazelekayo.
2. Iintetho zomlomo kumanyelo zimvo zoluntu.
   a. Abantu abanqwenela ukwenza intetho yomlomo kuviwo lwezimvo zoluntu kufuneka babhalise kwi-NNR njengomlamli kwaye banikezele ngeenkcukacha zokungeniswa ngomlomo ekufuneka kwenziwe.
   b. Inkcazo-ntetho yomlomo inqunyelwe kwimizuzu eli-10 ubuninzi ngentethonganye.
   c. Isicelo sokubhalisa njengomngeneleli kufuneka senziwe ngokusebenzisa uxwebhu loBhaliso lweeNkcazo zoLuntu kwi-Intanethi enokufumaneka kwi-webhusayithi yeNNR kwaye ezi nkcukacha zilandelay kufuneka zinikezelwe -
      1. Igama eliphelele
      2. Inombolo yesazisi / inombolo yokundwendwela
      3. Umbutho omelweyo
      4. Idilesi yeposi
      5. Idilesi ye-imeyile
      6. Inombolo yomnxeba yokuqhagamshelana (ucingo lwasekhay+ iselfowuni)
   d. Chaza ukuba ngaba iintetho zomlomo ziya kwenziwa buqu kwindawo okanye ngeqonga lobuxhakaxhaka bale mihla.
   e. Chaza ukuba ngaba intetho yomlomo iya kwenziwa ngesiNgesi okanye kuya kufuneka umguquleli.
   f. Sazise ukuba unazo naziphi na iimfuno ezizodwa ezinokwenza kube nzima kuwe ukufikelela kwindawo yoluntu lokumamela okanye ukuthatha inxaxheba usebenzisa ubuxhakaxhaka bale mihla.
   g. Unxibelelwano lwe-webhu ukuze ubhalise kwiintlanganiso zoluntu zezi: https://nnr.co.za/?p=3398
   h. Umhla wokuvalwa kobhaliso njengomngeneleli ngowama-**31 kweyeKhala 2021**.
   i. Akukho kubhaliswa kade kuya kuqwalaselw
   j. Abangeneleli ababhalisiweyo baya kwaziswa yi-NNR, kungagqithanga nje umhla **we-15 kweyeKhala(ku-Agasti) 2021** wexesha eliqinisekisiweyo lokunikezela ngomlomo ngexesha lokumanyelwa koluntu.
   k. Ngolwazi oluthe vetshe ngophando olucwangcisiweyo lokuvakalisa izimvo zoluntu ndwendwela**:** https://nnr.co.za/public-hearings-2/

Isikhanyeli: I-NNR inelungelo lokumisa elinye ixesha okanye ukurhoxisa ukuva izimvo zoluntu xa kunokwenzeka iimeko ezingalindelekanga okanye ngenxa yempilo yoluntu kunye neenkxalabo ezinxulumene nobhubhane we-COVID-19. Ukuba imeko-bume yangaphandle ayikulungelanga ukuthatha inxaxheba koluntu, i-NNR inokuthatha isigqibo ngeendlela ezizezinye zokucela ukuthatha inxaxheba njengokumamela izimvo zoluntu kusetyenziswa ubuxhakaxhaka bale mihla.